SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za

Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2023

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL) IPHEPHA LOKUQALA P1

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **2 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ali-11.

SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
   | ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
   | ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-20
   ICANDELO C: Imizuzu engama-50

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Fundisisa esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**FUNDA MFUNDI**

1 Amava okuba ngumntwana wesikolo unawo ungade ubhale ibali elifutshane ngobomi bakho njengomntwana wesikolo. Nali ke ithuba lakho lokuba wena uza kwenza izifundo ngokweminqweno yakho! Iiholide zifikelele esiphelweni, kwaye uyazi ukuba ngoku lixesha lokubuyisa ingqondo ujongane neyunivesithi eza kuvula kwiiveki ezingephi ezizayo. Uwavile amabali ngayo, akunxitywa mpahla zesikolo, awubuzwa nto xa ungayanga kumagumbi okufundela, uyazikhethela ikhosi yakho, ungajuxuza ubusuku bonke kwaye awunyanzelekanga ukuba uye ezifundweni ube uziva ungenamdla.

2 Mamela ke! Abafundi abaxabisa ulonwabo kunezifundo bahlala bengafundi ukusuka apho basiyeka phakathi isikolo. Kodwa wena akufuni kuyeka esikolweni, ufuna ukuqhuba kakuhle, ufumane isidanga; ube yinkokheli kweso sakhono usikhethileyo. Ukwenza njani oko? Eyona nto omawuyenze kukuzilungiselela. Uza kudibana nabantu ongazange ucinge ukuba ungaze udibane nabo ebomini; kwaye izimvo zakho ngobomi, ngehlabathi nangento yonke nje ziza kutshintsha ngamandla ngexesha nje elingephi. Nanga amacebiso aza kukunceda ugqibe unyaka wakho wokuqala ngempumelelo. Amanye ala macebo aza kuvakala eqhelekile kodwa ndikholelwe xa ndisithi kuwe kuhle ukuwakhunjuzwa. Nam ndisandula ukugqiba izifundo zam eyunivesithi, kwaye ukuba kwakukho umntu owayebhale eli nqaku mhlawumbi ngendandisindile ekuzixakekiseni ngezinye izinto ezingakhiyo.

3 Iitishala zaseyunivesithi zibizwa oolektshara zingabantu abanomonde azifuni koyikwa. Ewe ke bangakho abohlukileyo kodwa isininzi seetitshala zaseyunivesithi ziyafikeleleka kuba ziyabazi ubunzima umfundi agileka kubo. Xa uxakwe ngumsebenzi wakho khululeka udibane nabo ucele uncedo kwaye nokuba yinto engadibenanga ngqo nezifundo zakho, ukuba kukho into ekukhathazayo, thetha ngayo. Bakhona abacebisi babizwa ngokuba ngootyhutha, ungathetha nabo ufune iingcebiso malunga nezifundo.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



4 Ivakala ngathi ilula, kodwa ukuba abafundi abaninzi bebelungisa izinto zabo ngendlela, ubomi babo eyunivesithi ngebulula kunoku! Rhoqo uvuka, khangela ukuba wenza eziphi izifundo, ngaliphi ixesha kuyiphi indawo. Ungaphoswa sisifundo esibalulekileyo ngenxa nje yokulibala! Ikwalicebo elihle ukuzahlula iincwadi zakho ngemibala ngokwesifundo ngasinye. Ukuthatha amanqaku kulektshara ofundisa egumbini kuyinzuzo enkulu. Abanye abantu bathanda ukuzifundela bodwa, akukho nto imbi ke ngaloo nto, kodwa abafundi abaninzi basebenza kakuhle xa bekumaqela. Imfundo yaseyunivesithi ikhuthaza ukufunda ngamaqela, loo nto yenza umdla ide ivuselele nesakhono sokuzithemba. Ukufunda emaqeleni kuluncedo kuba ufumana iingcamango zabahlobo bakho, ukuze kuthi kwakubakho umba onzima kuthethwe ngawo de wonke umntu awuqonde.

5 Xa abafundi bebaninzi eqeleni abanye bayaphumla barhoxe bangasebenzi ngokwenza njalo uzibeka emngciphekweni wokungabina xanduva. Lumka ingakwahleli loo nto kuba bayakufunda abanye abafundi bade bagqibe ngawe ukuba mawungabikho kwiqela labo. Ngalo lonke ixesha qiniseka ukuba umsebenzi uyenziwa! Zama ukuba igama lakho lifumaneke libizwe kwiinkqubo ezakhayo kuba wena umele ikhaya lakho. Igama lakowenu malingatshi ngokwenza kakubi kwakho, yiba sisibonelo ukuze kuzokufundiswa abanye ngemisebenzi yakho emihle.

6 Yiba nesicwangciso samaxesha ngalo lonke ixesha lokuphila kwakho, ngakumbi useyunivesithi. Mininzi imiqobo ohlangana nayo xa ungenasicwangciso uphela unesithukuthezi ze uzibone usenza izinto ezimbi ezithoba ubuwena. Xa ubuzwa ngesenzo esibi osenzileyo ujonga phantsi kuba awunaso isizathu ebesikuthume oko, kube ke sekwenzekile, uzenzile akakhalelwa atsho ke amaXhosa ukubhekisa kulowo ufana enze. Phambi kokuba liqale ixhala leemviwo, yenza isicwangciso samaxesha okufunda. Esi sicwangciso masiqale ngomhla obusibhala ngawo ukuya kumhla wokugqiba ukubhala iimviwo. Bhala le mihla kunye nezifundo oza kuzifunda. Bala ke ukuba isifundo ngasinye usabel' iiyure ezingaphi na, uqiniseke ukuba zonke zifumana amaxesha alinganayo, **andithi zezakho zonke zikwakhethwe nguwe ngokuzithanda zonke?** Asiyondlalo ke le yokuba nesicwangciso sexesha, uya kuthi ndanditshilo.

[Sicatshulwe kwiBona kaMatshi (2008) Iphepha 70–72 saze sahlelwa]

**Jonga kumhlathi wokuqala.**

1.1.1 Yintoni le anokuyenza umfundi ngamava wakhe? (1)

1.1.2 Khetha isimelabizo esisetyenzisiweyo esibhekisele kumfundi. (1)

1.1.3 Xela izinto eziMBINI eyahluke ngayo iyunivesithi kunesikolo. (2)

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.1.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Intetho ethi, u**ngajuxuza ubusuku bonke**. Imenza ofundayo abengathi le nto kuthethwa ngayo:

A uyayingcamla
B uyayibona
C uyayiva
D uyayinukisa (1)

**Jonga kumhlathi wesibini.**

1.1.5 Chaza iziphumo ezifunyanwa ngumfundi owenza kakuhle eyunivesithi. (2)

1.1.6 Sibhekiselele entweni isakhi esibhalwe ngqindilili kweli gama? Eyona nto omawuyenze kuku**zi**lungiselela. (1)

1.1.7 Kube nafuthe lini kumbhali ukungachazelwa kakuhle ngendlela yokuziphatha eyunivesithi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi wesithathu.**

1.1.8 Bhala umxholwana oveliswe kulo mhlathi. (2)

1.1.9 Sizathu sini esibenza oolektshara babenomonde kubafundi baseyunivesithi? (2)

**Jonga kumhlathi wesine.**

1.1.10 Lizisa ntsingiselo ni igama ‘rhoqo’ elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi?

**Rhoqo** xa uvuka. (2)

1.1.11 Tyumba amagama amabini aveza isakhono sokubhala ukusuka kumqolo 5 ukuya kumqolo wesi-7 kulo mhlathi. (1)

**Jonga kumhlathi wesihlanu**.

1.1.12 Chonga igama elichaza ugqithiso kwisivakalisi esibhalwe kwizibiyeli.

Lumka ingakwehleli loo nto kuba bayakufunda abanye abafundi bade bagqibe ngawe. (1)

1.1.13 Uthetha ukuthini umbali xa esithi igama lakowenu malingatshi? (2)

**Jonga kumhlathi wesithandathu.**

1.1.14 Bungozi buni onokuhlangana nabo xa ungenasicwangciso? (2)

**Jonga kwisicatshulwa sonke.**

1.1.15 Ingaba esi sicatshulwa siwugqithise ngokuchanekileyo umyalezo? (2)




SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.2 Funda lo mfanekiso ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Ithatyathwe kuScienceDirect.com]

1.2.1 Bhala amalungu omzimba abe MABINI aluncedo kumfundi. (2)

1.2.2 Chaza umsebenzi wesazobe esijikeleze intliziyo. (2)

1.2.3 Bhala umyalezo oziswa ngulo mfanekiso? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

ISICATSHULWA C esingezantsi sithetha **ngesinokwenza ukuze siphumelele ebomini.**

Funda ISICATSHULWA C, wandule **usishwankathele usilumkise ngezinto ekufuneka sizenze ukuze siphumelele ebomini**. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma.

Landela le miyalelo xa ushwankathela:

### IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

### ISICATSHULWA C

**IMPUMELELO**

Umntu ngamnye uyaphumelela ngakumbi xa ethe wazingisa ebomini. Amaxesha amaninzi ubani uye othuke sele ephambili ebomini ade azibuze ukuba udlule njani kwimiqobo. Zingisa ukuze uphumelele ebomini kuba impumelelo isentabeni. Zinxweme usuke kwiindawo ezinabantu abangenamdla wenkqubela phambili. Sukungazithembi kuba oko kubulala amandla kunciphise namandla okucingisisa yaye kuphelisa ukuzithemba. Indlela eya empumelelweni iyacotha kwaye inomngcipheko. Sukudlala ngexesha kuba ixesha alimanga lona wozisola kube sakwaphukile.

Hlala uthe qwa uphaphile kuba ubomi bunzima kwaye bufuna umntu ophaphileyo. Xa uthe qwa akukho nto inokuze ikudlule ungayiqondanga. Qiniseka ngekamva lakho kwaye zingisa ngalo lonke ixesha. Abantu abaninzi babhidwa ziingxaki kunye nemiqobo ebomini balahle ithemba kuphele nokuqiniseka kubo. Nyamezela nokuba imeko ithini sukunikezela beka ithemba wophumelela kuba thina siphila ngethemba.

Hlela okuphambili uqale ngako ungaxubi izinto kuba uya konakalelwa bubomi. Ubomi bufuna umntu okhethayo hayi uwolela, ukuwola yonke into ebomini kuye kwaxaka uninzi lwabantu baze baphelelwa ngamandla bengeka yifezekisi iminqweno yabo. Xabisa ixesha kuba limalunga nokuzeyisa kwishedyuli yomsebenzi ecwangciswe kakuhle ekufuneka uyilandele. Yintsikelelo enkulu ukujikelezwa ngabantu abaza kuxelela inyaniso nokuba iyakrakra kuba oko kukusa kwimpumelelo. Zamkele ude wamkele nokuzazi iimpazamo ozenzayo ebomini kungabukhulisa ubudlelwane bakho nesiqu sakho oko. Ubudlelwane obuninzi bumoshwa kukungazamkeli nokungazazi nokunganyaniseki, oko ke kunciphise amathuba okuphumelela ebomini. Thembeka unyaniseke oko kungakusa empumelelweni. Unganyaniseki nje kwabanye abantu, qala ngokunyaniseka kwisiqu sakho. Ngoko masenze ngandlela zonke ukuba kube luxanduva lwethu ukuphumelela kobudlelwane bethu.

[Sicatshulwe ku-https://addicted2success.com/success-advice/perseverance-is-a-major-key-to-a-lifeof-success/ saze saguqulelwa esiXhoseni]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.


### ISICATSHULWA D

**I*Lucky Star* enkonkxiweyo**

**Yitya** *iLucky Star* uze ubenengqondo enamandla okucinga.

*IOmega-3 Fatty Acids* zinciphisa izinga lesifo sentliziyo.

Zikhulisa izihlunu kwaye zondle ingqondo.




**Ineprotein**

**necalsium**



**Iyababa le**



www.pilchards.com

[Sithatyathwe kuwww.luckystarcom saze sahlelwa]

3.1 Xela igama lemveliso ethengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.2 Bonisa ukuchaneka kwala mazwi kwesi sibhengezo-ntengiso:

"Iyababa le." (2)

3.3 Khetha impendulo engachanekanga ngokusetyenziswa kweli gama.

'Yitya' kule ntengiso kwezi zingezantsi.

A Zithande ngeLucky Star.
B Zithandise ngeLucky Star.
C Zondle ngeLucky Star.
D Zidle iLucky Star. (1)

3.4 Lityhila ntoni eli gama "enkonxiweyo" ngale ntengiso? (1)

3.5 Loluphi olunye ulwazi olungapapashwanga kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.6 Khankanya zibe MBINI iinzuzo ozifumana kule mveliso. (2)

3.7 Ingaba umfanekiso wenkwenkwezi othe nca kwesi sibhengezo-ntengiso ulixhasa ngokupheleleyo igama lale mveliso? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithathwe kucyaridepictures.com yaze yahlelwa]

4.1 Bangaphi abantu abakule khathuni? (1)

4.2 Bhala igama lophawo lobhalo elisetyenziswe kwigama lokuqala kwisakhelo sokuqala. (1)

4.3 Uvakalelwa njani uKim kwisakhelo soku-1? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Xhasa uluvo lokuba le khathuni ayinalo ucalucalulo ngokwesini. (2)

4.5 Inkuthazo yokusebenza nzima kule khathuni ibonakaliswe ...
Khetha ibeNYE kwezi zilandelayo:

A ngengxolo.
B ngemali.
C ngebhaso.
D ngebhoso. (1)

4.6 Tyumba isivumelanisi esibhekisele kuKim ngokwale khathuni. (1)

4.7 Ngqina okanye uchase uluvo lokuba into yokuwongwa ngebhaso xa usebenzile ilungile. Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F**

**MASIKHUMBUZANE**

Umsebenzi wenzelwe ukuba wenziwe ngumfundi kwaye ke utitshala unceda kuphela umfundi ukuba aqale kwaye alungise yonke into. Abafundi abadala kufuneka benze isicwangcisonkqubo kunye nolwabiwo xesha bazokwazi ukumelana nenkqubo yokufunda. Ifayile ecwangciswe kakuhle sisicwangciso esisebenzayo ekurekhodeni amabakala abo. (Borich 2007:136). Abafundi aboneliseki yindlela arekhodwa ngawo amanqaku wabo. Ukugcina irekhodi yebanga kunceda umfundi ekulandeleni indlela aqhuba ngayo eklasini. Abafundi abaninzi basenokungayiqondi indlela yakhe kodwa ukubacacisela, kusenokubanceda babe nembopheleleko ngakumbi kwimibandela echaphazela ikamva labo. Isicwangciso sesokwenza ukuba baziqhelanise nokusebenzisa ifowuni, oomabonakude, neereyido zokuvavanya ukurekhoda amabakala abo apho.

[Sithatyathwe kwincwadi kaBorich G. (2007) ethi *Effective Teaching Methods* saze saguqulelwa uviwo, Iphepha lama 136–137]

5.1.1 Nika isichasi sesi sibizo 'utitshala'. (1)

5.1.2 Bhala imo ende ngesi sivakalisi silandelayo.

Utitshala unceda umfundi. (2)

5.1.3 Khetha isihlomelo uze uxele nodidi lwaso kwesi sivakalisi singezantsi.

Abafundi abadala kufuneka benze isicwangcisonkqubo. (2)

5.1.4 Xela izigaba zentetho ezikwesi sibizo simbaxa.

'isicwangcisonkqubo'. (2)

5.1.5 Bhala esi sivakalisi sibe kwintetho ngqo.

Abafundi aboneliseki yindlela arekhodwa ngawo amanqaku wabo. (2)

5.1.6 Bhala esi sivakalisi sibe kwisininzi.

'Umsebenzi uyasebenza kuphela.' (2)

5.1.7 Chonga isichazi uxele nodidi lwaso esisetyenziswe kwesi sivakalisi:

Abafundi basenokungayiqondi indlela yakhe. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



5.1.8 Umsebenzi wesingxi usetyenziselwe ukubonisa oku: Khetha ibeNYE kwezi zilandelayo:

A ukuqala kwesivakalisi
B ukuphela kwesivakalisi
C ukwahlula isivakalisi
D ukudibanisa isivakalisi (1)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthathwe kuwww.dreamstime.com waze wahlelwa]

5.2.1 Bhala isivakalisi usebenzisa isenzi **'ubambe'** ngokuchanekileyo emfanekisweni.

| Intloko | isenzi **ubambe** | Injongozenzi |
|---|---|---|

(2)

5.2.2 Yakha isivakalisi sibe kuhlobo lokukhankanya ngokubona emfanekisweni. (2)

5.2.3 Gqibezela esi saci ... akanashwa. (2)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



SA EXAM PAPERS